basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

CANZIBE/SILIMELA 2026

AMANQAKU: 80

IXESHA: Iiyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-14.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela uMgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-20
   ICANDELO C: Imizuzu engama-50

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

ZIXHOBISELE UBUNKOKELI USENGUMFUNDI

1 Ukuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yobunkokeli, ukuzibandakanya kwinkqubo nakwimisetyenzana engaphandle kwamagumbi okufundela xa usengumfundi eyunivesithi kunenzuzo enkulu kubomi bakho. Loo nzuzo ide igqithele nakubomi bempangelo kuba abaqeshi ngaxa limbi abalindelanga kuphela ugqweso nempumelelo ngokuphathelele kwizifundo kuphela, kodwa bajonga neempawu ezithile, ezinjengokukwazi ukuziphatha okanye ubunkokeli. Ubani angadlala indima enkulu ekuguquleni ubomi bakhe ngokuthabatha inxaxheba kumaqela ngamaqela akhoyo kwiyunivesithi afunda kuyo, amaqela afana nawezemidlalo nemibutho esekelwe kwimiba yenkcubeko, eyophuhliso lwezakhono, kungenjalo eyezopolitiko.

2 Aliqela eyunivesithi amathuba okuba ungazibandakanya kwimisetyenzana **engaphandle** koko kufundiswa kumagumbi okufundela, nto nje eminye imisebenzi inyanzelisa ukuba umfundi asebenze kuyo ixesha elininzi. Loo nto ke ifuna umntu onobuchule bokulaba nokulicwangcisa ixesha lakhe, ukuze angabethakali ezifundweni. Eminye imisebenzi engaphandle kokufunda kwaseklasini ayihlawulelwa, kwaye nabafundi abanyulelwa izikhundla kuyo, bazamkela bekwazi oko. Bangena kuzo kuba bencwase ukufumana amava, ukuzikhulisa nokuziphuhlisa ngandlela zonke.

3 Ukungqina ezi zimvo zikhankanywe kumhlathi ongentla, uJoe Bigland, ongumfundi kwiyunivesithi yaseLancashire uthetha athi, 'Ndathatha isigqibo sokuzigqatsela unyulo lokuba ngummeli wabantu abangamadoda ngokwesini, kwikhansile yeyunivesithi endifunda kuyo. Oko kwandivula ingqondo malunga nezidingo zabafundi ngokuphathelele kwezempilo nentlalo. Ngaphezu koko, kwatsho kwakhula ngaphakathi kum nolangezelelo lokuba lilizwi labafundi'. Uqhuba ke lo kaBigland ngokunika izizathu akhuthaza ngazo abafundi baseyunivesithi kanti nabasezikolweni malunga nokuzigqatsela izikhundla zobunkokeli. Esokuqala uthi sesokufumana ithuba lokuba negalelo kwimiba echaphazela iimfuno zabafundi eyunivesithi. Esesibini athi kungokuba xa ukwisikhundla sokukhokela ufumana ithuba lokubona utshintsho olwenzileyo **uzingombe isifuba** ngelithi, 'kwenziwe ndim ke oku'. Esesithathu uthi uJoe sesokufumana ithuba lokuvula iingcango namathuba ukuze abafundi abasaya kufunda kuloo yunivesithi bafumane ubomi obungcono. Konke oku kukhankanywe nguJoe njengezizathu zokuba ubani azibandakanye kwiinkqubo ezingaphandle kwamagumbi okufundela kunegalelo umfundi ngokwasengqondweni. Oku kwenziwa kukuba kuchaphazela imiba ebalulekileyo, elola ingqondo neyakhayo. Kaloku umfundi esikolweni uyokuxonxwa macala onke.

4 Ngaphandle koku kuxelwe ngentla, ngokweengcali neenzululwazi zemiba engokusebenza kwengqondo kunye nezemiba yentlalo, ukuzibandakanya kwimisebenzi neenkqubo ezenziwayo eyunivesithi kumnika amathuba umfundi okuba ahlangane, ze abelane ngolwazi nabanye abafundi abasuka kwiindawo ezahlukileyo kweyakhe. Nto leyo ingamnika ithuba lokwakha ubuhlobo obunokuthi kanti bakuhlala buhleli, kude kuye ebudaleni. Ngaphezulu, ukuzibandakanya neenkqubo ezizezinye ngaphandle kokufunda xa ungumfundi waseyunivesithi kukunceda ngokukudibanisa nabantu abasele bephumelele, ngakumbi xa ukwisikhundla sokukhokela. **Eyona nto iluncedo kakhulu ngokuzibandakanya kwiinkqubo zabafundi nemibutho yabo, kukuqinisa amathuba okufumana umsebenzi.** Khumbula kaloku ukuba uzuza amava abayinxalenye yoxwebhu oluchaza imfundo onayo, amava omsebenzi nezinto ozibalule ngazo nonomdla kuzo, ukutsho oko, isivi yakho. Ukungqina oku, uJoe Bigland ugalela ngelithi, 'xa usanda kupasa esikolweni akunamava kuyaphi, kodwa xa ubuyinkokeli yombutho okanye yeenkqubo zabafundi ufumana amava okwaziyo ukutyebisa ngawo isivi yakho'. Wongeza ngelithi, isikhundla sobunkokeli yena simncede ngokulola isakhono sakhe sokwenza intetho esidlangalaleni, esokusombulula iingxaki, esokunikezela ingxelo kunye nesokucwangcisa iipolisi. Uqwela ngelithi, wonke umntu uyiyo inkokeli ngoko ke abantu mabangazideli.

5 Nangona kuyinyani konke oku kukhankanyiweyo malunga nokuzibandakanya kwizikhundla zobunkokeli eyunivesithi, ayinakufihlwa inyani yokuba akuyonto ilula. Ubunzima benziwa kukuba kufuna umntu ozimisele ukusebenza iiyure ezininzi. Ngapha koko, kunganomtshithi ombi kwizifundo zakho nakwikamva lakho. Kaloku njengenkokeli ukwanoxanduva lokunqwanqwada abanye abafundi, ukugweba amatyala nokuthatha izigqibo ezinzima. Ngalinye, akuyonto ilula ukuzibandakanya neenkqubo zangaphandle kwamagumbi okufundela, ngakumbi xa usesikhundleni sobunkokeli kuba eza nkqubo ziluxanduva olukhulu. Nangona kunjalo, ayingephikwa eyokuba ubunkokeli bunenzuzo enkulu kakhulu.

[Sicatshulwe kwi-https://sm.hhp.ufl.edu/news/ what-does-a-sports-marketer-do, saze sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Khankanya into ibe NYE eba nenzuzo ebomini bakho xa usengumfundi eyunivesithi. (1)

1.1.2 Nika iimpawu eziMBINI abasenokuzijonga abaqeshi xa umntu sele ekubomi bempangelo. (2)

1.1.3 Kwesi sivakalisi silandelayo khetha amagama amabini alandelelanayo athetha ukuthi ngelinye ixesha.

... abaqeshi ngaxa limbi abalindelanga kuphela ugqweso nempumelelo ... (1)

Jonga kumhlathi 2

1.1.4 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi. (1)

1.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama 'engaphandle' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi lithetha imisetyenzana ...

A engenziwayo esikolweni.
B engeyonxalenye yezifundo.
C eyenziwa emakhaya.
D engavumelekanga esikolweni. (1)

1.1.6 Xela ubuchule obufunekayo ukuze umfundi ozibandakanya neenkqubo ezingaphandle kwegumbi lokufundela angabethakali ezifundweni. (2)

1.1.7 Libhekiselele entweni igama elikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi silandelayo?

Bangena <u>kuzo</u> kuba bencwase ukufumana amava. (1)

1.1.8 Ngcinga ni eziswa ligama, 'bencwase' elisetyenziswe kulo mhlathi malunga nabafundi abamkela izikhundla ezingahlawulelwayo? (2)

Jonga kumhlathi 3

1.1.9 Nika isigqibo esathathwa nguJoe Bigland nesiphumo saso sibe siNYE.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isigqibo (1)

(b) Isiphumo saso (1)

1.1.10 Ngqina ukuba isizathu sesithathu akhuthaza ngaso abafundi uJoe Bigland sasilungiselela ukunceda abafundi abaseza kuyokufunda eyunivesithi. (2)

1.1.11 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa yinkcaza ebhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (1)

(b) Le nkcaza ithetha … (gqibezela). (1)

Jonga kumhlathi 4

1.1.12 Ingaba uyangqinelana nokuthethwa kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.13 Nika izakhono zibe ZIBINI athi uJoe Bigland uloleke kuzo ngenxa yokuzibandakanya nesikhundla sobunkokeli. (2)

Jonga kumhlathi 5

1.1.14 Nika icala elibi lokuzibandakanya kwizikhundla zobunkokeli okanye kwiinkqubo zangaphandle kwamagumbi okufundela xa ungumfundi. (2)

1.1.15 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Injongo yalo mhlathi (kukutyhafisa/kukulumkisa). (1)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Uthatyathwe kwi-iStock-SDI productions waze wahlelwa]

1.2.1 Xela okuqhubeka kulo mfanekiso. (2)

1.2.2 Ngqina ukuba uYanga umamele uLungi. (2)

1.2.3 Ungathi zisixelela ntoni izijekulo zikaLungi azenza ngezandla? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

ISICATSHULWA C esingezantsi simalunga nezakhono onokuzifunda xa ungumfundi waseyunivesithi.

Funda ISICATSHULWA C esingezantsi uze ubhale iingongoma eziphambili ezimalunga **nezakhono onokuzifunda xa ungumfundi waseyunivesithi.**

IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-60.
2. Nombola izivakalisi zakho ukususka kwisi-1 ukuya kwisi-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

ISICATSHULWA C

ZININZI IZAKHONO EZIZUZWA EYUNIVESITHI

Iiyunivesithi aziphelelanga nje ukuba yindawo yokuzuzwa kweziqinisekiso zemfundo, koko kubo bonke ubomi bokuba ngumfundi wakhona, nokuba oko awukuqapheli na, uzuza izakhono eziba luncedo kuwe kwixesha elizayo. Ezo zezi:

Ufumana isakhono sokukwazi ukunxibelelana neendidi zabantu abanemvelaphi eyahlukileyo kunawe. Oku kwenziwa kukuba kwizifundo zakho uhlangana nabantu ongabaziyo, wakhe ubuhlobo nabo. Loo nto inyanzelise ukuba ufunde ukuphilisana nabanye abantu.

Ukufunda eyunivesithi kungakwenza ukuba ube kude nekhaya nakubahlobo bakho. Loo nto ikwenza ufunde ukuthatha uxanduva lwezigqibo kunye nolwezenzo zakho. Kaloku ngoku akubikho mzali uza kumana ekuxelela omawukwenze, xesha nini. Uxhomekeke kuwe!

Yonke into eyunivesithi ijongene nawe. Ukuqalela ekucwangciseni ixesha lokufunda, ukuhlenga-hlengisa izifundo zakho; ukubhala uthotho lweeprojekthi nee-asayimenti ezinemihla emiselweyo yokungeniswa. Ubomi baseyunivesithi ke ngoko bukhulisa kuwe isakhono sokuzikhuthaza.

Intlalo yaseyunivesithi ikhuthaza ukuba ukwazi ukuzimela. Oku kungenxa yokuba yonke imisebenzi yasentlalweni uyazenzela ngoku. Lilonke, uzikhathalela ngokwakho, nkqu nokugada impilo yakho kuxhomekeke kuwe.

Ukwazi indlela yokucwangcisa imali yakho ngokwenkcitho nengeniso sisakhono osifunda ikakhulu xa ungumfundi waseyunivesithi. Ngaxa limbi kufuneka umfundi ahlawule irenti, azithengele ukutya nezixhobo zokufunda ngemali, nokuba uyifumene kwibhasari okanye kubazali.

Ubomi bokuba ngumfundi benza ukwazi ukuziqoqa. Kwakhona, bukufundisa nendlela yokucwangcisa ixesha lakho ngendlela eyiyo. Kubuphithiphithi bokulungiselela izifundo ngezifundo, kube kukho nemiba engqamene nobomi bakho, uzama iindlela zokukwazi ukuphumeza konke oku; ngokuzama ubuchule bokulungelelanisa, uqokelele ubomi bakho nobuchule bokwaba ixesha lakho.

Ngalinye, eyunivesithi akufundwa zincwadi kuphela, zininzi izakhono zobomi umntu aphuma ezifumbathile. Ikakhulu ezinye zazo ezifunda engaqaphelanga.

[Sicatshulwe kwi-prospects.uk.za, saze saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZONTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D



[Sithatyathwe kwi-re-storenet, saguqulelwa saze salungiselelwa uviwo]

3.1 Xela ukuba libhekisa entweni igama, 'ezi' elikwesi sibhengezontengiso. (1)

3.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Isivakalisi esithi, 'Nawe ungangomnye weengcungela' siqulethe ...

A isibaxo.
B isifaniso.
C isikweko.
D isihlonipho. (1)

3.3 Chonga ibinzana elisetyenziselwe ukuba umthengi azibone ezi bhegi zikwizinga elingentla kunezinye. (1)

3.4 Nika izinto zibe MBINI eziluncedo ekuthiwa zinazo ezi bhegi kwesi sibhengezontengiso. (2)

3.5 Xela iindlela eziMBINI zonxibelelwano ezivelayo kwesi sibhengezontengiso umntu anokuzisebenzisa xa afuna ukuthenga ibhegi ye-*laptop.* (2)

3.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Uphindaphindo lwesandi u-**zi** kwesi sibhengezontengiso lusetyenziselwe (ukugqithisa umxholo/ukugxininisa umyalezo) kumthengi. (1)

3.7 Ingaba ulwimi olusetyenziswe kwesi sibhengezontengiso oluncoma le mveliso ithengiswayo lwenzelwe ukunceda umthengi? Xhasa impendulo yakho. (2)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E



'Uthini kum Mphathi? Uthi kufuneka ndiphuhlise izakhono zam zobunkokeli ezizezona ziyimfuneko? Sele ndikwazi nje ukuqxeka, kwaye eso sesona sakhona siyimfuneko kubunkokeli!'

[Ithatyathwe kwi-glasbergen.com yaguqulelwa, yahlelwa]

4.1 Xela into athi uMnu. Pablo ibithethwe kuye nguMphathi. (1)

4.2 Kutheni umlomo kaMnu. Pablo wenziwe wavuleka kakhulu kule khathuni? (2)

4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Intetho kaMnu. Pablo iqulethe ithoni ebonisa ...

A ukucenga.
B ukoyika.
C ukuzithethelela.
D ukukhuthaza. (1)

4.4 Ngqina ukuba uMnu. Pablo uziqonda ngokwahlukileyo kuMphathi iimpawu zobunkokeli. (2)

4.5 Myalezo mni odluliswa yile khathuni? (2)

4.6 Ingaba uMphathi ubonakala engumntu onenkathalo ngabantu abasebenza phantsi kwakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)
[10]

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

Qaphela, kwesi sicatshulwa kukho amagama apelwe gwenxa ngabom.

ISICATSHULWA F

ULUTSHA MALUQEQESHWE NJENGEENKOKELI ZANGOMSO

Akunqabanga ukuva abantu abadala bekhalazela ulutsha kwezi mini siphila kuzo. Phofu ezo zikhalazo izizigxeko ubukhulu becala. Iliso nemilomo yokuvuma ubunkokeli kulutsha ayimininzanga. Kude kuthi xa kuthiwe kwabhekiswa kwindima yolutsha kuphuhliso lwelizwe, ubone nje ukuba lwenziwa ngathi akukho nto lunokuyimisa. **Kanti ke ulutsha lufana nqwa nesithombo esintshulayo ngokufuna ukunonotshelwa.** Malunqwanqwadwe, luphehlelelwa ngezincomo ukuze lube nokuzithemba. Kaloku luza kuba ziinkokeli zangomso, leyo inyaniso ayijiki. Usuke ubave abantu abadala besithi, 'yekani ukugagamela izinto bantwana', babe bengayikhombi eyona ndlela efanele ukuhanjwa lulutsha ukuze lulime eli lizwe loobawomkhulu. Endaweni yokulugxeka ulutsha masiluncome kuba enyanisweni lungamagorhana asakhulayo. Luve luthetha, aloyiki ukuvakalisa izimvo zalo, bubunkokeli ke obo.

[Sifunyenwe kwiChatGPT, saze saguqulelwa]

5.1.1 Chonga igama elisisichazi kwesi sivakalisi silandelayo uze uxele indlela esisetyenziswe ngayo.

Akunqabanga ukuva abantu abadala bekhalazela ulutsha. (2)

5.1.2 Khetha isibizo esiyintloko nesibizo esiyinjongosenzi kwesi sivakalisi silandelayo.

Abantu abadala bekhalazela ulutsha.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isibizo esiyintloko. (1)

(b) Isibizo esiyinjongosenzi. (1)

5.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama, 'xa' kwesi sivakalisi silandelayo lisisihlanganisi esibonisa ...

Kude kuthi xa kuthiwe kwabhekiswa kwindima yolutsha kuphuhliso lwelizwe ...

A indawo.
B isizathu.
C unobangela.
D ixesha. (1)

5.1.4 Chonga isifanekisozwi esifumaneka kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa uze unike nesithethantonye saso.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isifanekisozwi (1)

(b) Isithethantonye saso (1)

5.1.5 Bhala esi sivakalisi sibe kwimo yokuyalela.

Ulutsha kufuneka nilunqwanqwade. (2)

5.1.6 Xela udidi lwesimelabizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo, uze uxele indlela esisetyenziswe ngayo.

... leyo inyaniso ayijiki. (2)

5.1.7 Nika intsingiselo eziswa sisimamva u-ana kwigama, 'lungamagorhana' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

5.1.8 Nika isinye sesivakalisi esikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi silandelayo.

Ulutsha aloyiki ukuvakalisa izimvo zalo. (1)

5.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G: UMFANEKISO



[Uthatyathwe kwi-istock.net, wahlelwa, walungiselelwa uviwo]

5.2.1 Bhala kwakhona esi sivakalisi sibe kwisixando sokwenziwa.

Umfundi uphethe iincwadi. (2)

5.2.2 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha elidlulileyo.

Zonke iinkokeli ziphumelela ngokunyuka umqantsa. (2)

5.2.3 Dibanisa ezi zivakalisi zibini zilandelayo zibe sisivakalisi esinye ungasebenzisanga sihlanganisi:

Umfundi uphethe iincwadi. Umfundi uyacinga. (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80